URhulumente weNtshona Koloni

IsiHlomelo A

**INGXELO NGOKUQHUBEKE KWINKQUBO YOKUMODAREYITHWA KWEEMVAVANYO**

**Ingcaciso eyintshayelelo:**

Imijikelo emibini yokumodareyithwa kweemvavanyo iqhubeke ngoJuni nangoSeptemba 2023 yaye kukhethwe izikolo kuzo zosibhozo izithili kwiphondo lethu.

Kwinkqubo yokumodareyithwa kweemvavanyo ziyi-11 izifundo ezaqwalaselweyo:

***Accounting, Business Studies, Consumer Studies (kumjikelo 1 kuphela), Economics, English First Additional Langauge, History, Life Orientation (LO), Life Sciences, Mathematics, Mathematical Literacy, ne-Physical Sciences***.

- Kwakhethwa izikolo ezihlanu ngesifundo ngasinye kwisithili ngasinye yaye kwamodareyithwa ii-*School-based Assessments (SBAs)* kwiiphothifoliyo zabafundi (abanamanqaku aphezulu, aphakathi nasezantsi). Zizonke, ziyi-1320 iiphotifoliyo zobungqina ezangeniswayo kumjikelo ngamnye kwinkqubo yokumodareyithwa kweemvavanyo kwiphondo.

- Zithandathu kwezisibhozo izithili ezibe nezithuba ezingenamntu zabacebisi ngezifundo ukwenzela ukumodareyithwa kweemvavanyo kwiphondo. Apho kungekho mcebisi ngezifundo, kwasetyenziswa utitshala oyinkokeli ukulawula inkqubo yokumodareythwa kweemvavanyo.

Onke amanqanaba okumodareyithwa kweemvavanyo (esikolweni, kwisithili, kwiphondo, kwiSebe leMfundo esiSiseko (iSebe i-*DBE)* naku-Umalusi) aqwalasela iinkqubo zokuqinisekiswa komgangatho ezifanelekileyo ezibonisa iinkqubo ze-*SBA* ezisebenzayo kunye nokumodareyithwa kwemisebenzi phambi kovavanyo nokumodareyithwa kobungqina babafundi. Oku makubekwe esweni zizikolo, zizithili naliphondo ukuqinisekisa ukuba kunikwa ingxelo ngokuqhubekayo ngexesha kwiimvavanyo nenokusetyenziselwa ukuphuculwa komgangatho wezemfundo.

ISetyhula E06 ka-2022 yeSebe i-*DBE*, *Guideline on the Quality Assurance of School-based Assessment, including Practical Assessment Tasks and Language Oral Assessment, for Grades 10-12*, yomhla we-05 Apreli 2022 neyahanjiswa kunye neNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo 0006/2022, yomhla we-05 Meyi 2022, zibonelela ngenkqubo yokuqinisekiswa komgangatho wokuthembeka nokubasemthethweni kwenkqubo yokuqinisekiswa kwe-*SBA*. Esi sikhokelo sinika imiyalelo kuwo onke amagosa eSebe i-*DBE*, amaSebe eMfundo amaPhondo, iingcali zezifundo, iinqununu, ootitshala nabafundi malunga noqinisekiso lomgangatho we-*SBAs*.

**Imiba exhaphakileyo exhalabisayo eqatshelwe ngethuba lokumodareyithwa kwe-*SBAs* kwiBakala 12**

Le miba ilandelayo mayiqatshelwe yeqhelekileyo yaye ezi ngcebiso zibhekiselele kwiinkqubo eziqhelekileyo nokwenziwa komsebenzi ngendlela efanelekileyo.

| IMIBA EMAYIQATSHELWE | IINGCEBISO |
|---|---|
| **Iifayili zootitshala** | **Mazibe nale migaqo-nkqubo ichaphazelekayo:**<br>• *I-Curriculum Assessment Policy Statements (CAPS)*, ISetyhula S4 ka-2021 (*Implementation of the Abridged Version of CAPS Section Four Amendments in Grade 12*), yomhla we-12 Matshi 2021, I-*Programme of Assessment* (ezinomhla ukubonisa inkqubo yokucwangcisa), ii-*Annual Teaching Plans (ATPs)* (ezinomhla njengamaxwebhu asetyenziswayo ukulandela ukufundiswa kwekharityhulam) nazo zonke izikhokelo zoviwo ezifakelwe izilungiso.<br>• Iintloko zamacandelo maziqinisekise ukuba ootitshala banayo yonke ingcaciso echaphazelekayo yaye ifayilishiwe.<br>• Kumele kubekho ubungqina bokumodareyithwa kovavanyo ngaphambi nasemva koviwo. |
| **Iirekhodishithi** | • Mazingqinisiswe (zisayinelwe) yiNtloko yeSebe, yinqununu, sisithili nangamagosa ephondo.<br>• Ubungqina bufunwa xa kukho amanqaku anguziro okanye kuqatshelwe umfundi ongekhoyo.<br>• Amanqaku amodareyithiweyo makakhutshelwe kwirekhodishithi.<br>• Iimakhishithi mazizisiwe eziklasini ngolandelelwano lwe-alfabhethi nolwamanqanaba obuchule nokugqwesa kwabafundi (*alphabetical and merit order*) kwibakala lilonke. |
| **Ukumodareyithwa kwemisebenzi yovavanyo nobungqina babafundi** | • Imbali ngenkqubo yokumodareyithwa kwangaphambi kovavanyo mayigcinwe, ukwenzela ukubonisa ukuchaneka koku nokuncedisa ekubeni iimvavanyo zingabinazimpazamo kwaphela.<br>• Ubungqina bokuqinisekiswa komgangatho okunentsingiselo mabugcinwe.<br>• Ingcaciso ngokuqhubekayo enika iingcebiso newuphuculayo umgangatho ibalulekile.<br>• Ukumodareyithwa kumele ukubandakanya ukumakishwa kwakhona kweempendulo zabafundi kusetyenziswa ipeni eluhlaza (kwinqanaba lesikolo), ipeni |

| | |
|---|---|
| | e-orenji (kwinqanaba lesithili) nepeni epinki (kwinqanaba lephondo).<br>• Ukumodareyitha kwinqanaba lesithili kuyimfuneko ukunika inkxaso ootitshala abasaqalayo.<br>• Imigaqo-nkqubo yokumodareyithwa yesikolo kufuneka kuxoxwe ngayo kumasifundisane nabasebenzi.<br>• Amaqela/Iiklasta ezidibanisa abahlali nootitshala ababelana ngamava kumsebenzi wokufundisa (*Professional Learning Communities/Clusters*) kucetyiswa ngawo ingakumbi apho kungekho zingcali zokumodareyitha iimvavanyo.<br>• Inkcazo ngokuqhubekayo kubafundi mayibonelelwe yaye makuphunyezwe izicwangciso zokulungisa oku ukuphucula indlela abaqhuba ngayo abafundi. |
| **Umgangatho wemisebenzi yovavanyo nezixhobo** | • Ukusebenzisa amaphepha emibuzo amadala enjengokuba enjalo akuvumelekanga – makatshintshwe apha naphaya njengoko kunokuchaphazeleka ukuthembeka komsebenzi.<br>• Mawungqinelane ne-*CAPS* – makungasetyenziswa iirubrikhi eziphelelwe lixesha.<br>• Imilinganiselo yamanqaku emiselweyo *(Prescribed weightings)* namanqanaba okuqonda (*cognitive levels)* makangqinelaniswe ne-*CAPS* ne-*ATPs*.<br>• Iigridi ii-*Cognitive analysis grids* mazihanjiswe nayo yonke imisebenzi ye-*SBA* ukuqinsekisa ukuba kufikelelwe kuwo onke amanqanaba ahlukileyo okuqonda nawokuntsonkotha. |
| **Umgangatho wokumakisha** | • Impendulo ezizezinye ezisemthethweni mazongeze kwisikhokelo sokumakisha ukulungiselela ukumakisha okuchanekileyo nokungatshintshiyo ngabo bonke abamakishi.<br>• Makusetyenziswe imigqaliselo yokumakisha engatshintshiyo<br>• Makuyiwe koomasifundisane boqeqesho |
| **Iingcebiso** | **Amanyathelo amakathathelwe ingqalelo xa kuqulunqwa imisebenzi yezikolo:**<br>(a) Izakhono zekhompyutha ezizezona ziyimfuneko nemigaqo yethekhnoloji imele ukusetyenziswa.<br>(b) Makulinganiswe amaphepha emibuzo eSatifikethi seMatriki sikaZwelonke eBakala 12.<br>(c) Makumiselwe iikomiti zokumodareyitha ezingqongqo kuwo onke amanqanaba. |

| | |
|---|---|
| | • Ukuxoxa nokuvumelana ngee-*Practical Assessment Tasks (PATs)* kubaluleke kakhulu – makugxininiswe kulawulo lokubhalwa ngokuchanekileyo kwemisebenzi nasekusetyenzisweni kwesikhokelo ngokuchanekileyo ukuvavanya abafundi.<br>• Bonke abafundi bamele ukusayina irejista yokubakho kuvavanyo ngosuku lokubhalwa kwee-*PATs*. |

Inkqubo yokumodareyithwa kweemvavanyo ka-Umalusi neSebe iDBE ngo-2023 inike iingcebiso ezininzi ezikhankanywe ngentla. Makuqatshelwe ezi ngcebiso zilandelayo:

| | |
|---|---|
| **Iingcebiso** | Iikhava zeefayili zootitshala maziquke zonke iinkcukacha ezichaphazelekayo: Igama likatitshala. Isikolo, isithili, iphondo, isifundo nenombolo i-*EMIS number*. |
| | Bonke ubungqina bokumodareyithwa kweemvavanyo (esikolweni, kwisithili, kwiphondo) mabubekho kwifayili katitshala. |
| | Iifayili zootitshala mazigcinwe zicocekile yaye zicwangciswe kakuhle – kuqukwa YONKE imisebenzi egqityiweyo kwakunye nezikhokelo/iirubrikhi zokumakisha. |

ISebe leMfundo leNtshona Koloni limele ukuqhubeka ukunika inkxaso izikolo nokuqinisekisa ukuba yonke imiba ephakanyisiweyo kwezi ngxelo kuya jongwana nayo.